URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patricia van Niekerk**
INtloko yeCandelo leZithili
Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

Inombolo yefayili: 27/9
Isalathiso: 20240415-3138

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko: 0003/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**Isihloko: Umhla wokwaziswa kweziphumo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni utshintshiwe ukususela kowama-29 Meyi ukuya kowama-30 Meyi 2024**

1. ISetyhula 0037/2023 (Imihla namaxesha abekiweyo awenzelwe izicelo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni zikarhulumente eziqhelekileyo nawokulawula ingcaciso yokwamkelwa kwabafundi esikolweni ngowama-2024/25), yomhla we-19 Disemba 2023, icacisa ukuba umhla abaya kukwazisa ngawo abazali ngeziphumo zezicelo zokwamkelwa kwabafundi esikolweni/ezikolweni ngowama-29 Meyi 2024.

2. Ngenxa yokuba uMongameli ebhengeze owama-29 Meyi 2024 njengomhla wonyulo jikelele lukazwelonke nolwamaphondo yaye emva koko uwubhengeze njengosuku lweholide kawonke-wonke, lo mhla uya kutshintshwa ukususela kowama-29 Meyi ukuya kowama-30 Meyi 2024.

3. Yonke imibuzo malunga nokwamkelwa kwabafundi ezikolweni inako ukuthunyelwa ngqo kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko okanye kubaphathi beesekethe abachaphazelekayo kwisithili ngasinye.

4. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-A MEYER
**USEKELA MLAWULI-JIKELELO WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**
**UMHLA:** 2024-04-15


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department